IPHEPHA ELINGASEMVA

LITHEMBA LETHU UKUBA LE PLANIYANGOKU IYA KUKHUTHAZA,YAZISE ZE IKHOKHELE AMADODA NAMABHINQA AMANINZI ASEBENZELA UKUPHUCULA IMFUNDO ESISISEKO EMZANTSI AFRIKA.

Isicwangciso Somsebenzi esipheleleyo ukuya ku-2019: Ukuya Ekuzalisekiseni Imfundo 2030 iyafumaneka ku;

http://www.education.gov.za/Curriculum/ActionPlanto2019.aspx

DOCUMENT IS AVAILABLE IN ALL 11 SOUTH AFRICAN LANGUAGES

- English
- Afrikaans
- isiZulu
- Tsonga
- Sesotho
- Siswati
- isiXhosa
- Ndebele
- Sepedi
- Setswana
- Tshivenda

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Private Bag X895, Pretoria, 0001
Telephone: 012 357 3000 Fax: 012 323 0601
© Department of Basic Education

website	facebook	twitter
www.education.gov.za	www.facebook.com/BasicEd	www.twitter.com/dbe_sa

Isicwangciso Somsebenzi ukuya ku-2019

Ukuya Ekuzalisekeni Imfundo 2030

isiXhosa

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

Imfundo 2030 : Umbono

Oku kulandelayo kubonisa apho i-DBE ingathanda ukufikelela khona ngo-2030:

ABAFUNDI

Abafundi baya **esikolweni yonke imihla kwaye bafika ngexesha** kuba bayakufuna ukuza esikolweni., **isikolo siyafikeleleka** futhi bayazi ukuba xa benokusiphosa kungafanelekanga njalo, kuya kuthathwa amanyathelo athile. Abafundi **bayakuqonda ukubaluleka kokwenza umsebenzi wabo wesikolo,** esikolweni nasekhaya, kwaye bayazi ukuba isikolo siya kwenza konke esinakho ukubenza bafunde oko kufuneka bekufundile.

IITITSHALA

Iititshala **zifumana uqeqesho ezilufunayo**, **kwaye zithe rhoqo** ukuphucula **ubuchule bazo** kwaye zIzithembile emsebenzini wazo. **Iititshala ziyakuqonda ukubaluleka komsebenzi wazo** wokuphucula isizwe ze zenze konke ezinako ukunika abafundi bazo isiqalo semfundo efanelekileyo ebomini.

INTLOKO YESIKOLO

Intloko yesikolo **iqinisekisa ukuba ukufundisa esikolweni kwenzeka ngendlela ekufanele ukwenzeka ngayo,**

ngokuhambelana nekharikyulam yesizwe kwaye iyayiqonda indima yayo njengenkokheli exanduva layo ikukhuthaza imvisiswano, isiphiwo sokuba nombono kunye nendlela yokuziphatha emsebenzini phakathi koluntu nangaphaya

ABAPHATHI BESIKOLO

INJONGO 21: Iqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko ziyenzeka kuzo zonke izikolo elizweni ngendlela enegalelo kwimeko yokusebenza kakuhle kwezikolo.

INXAXHEBA YABAHLALI

NJONGO 22: Kukuphucula indima yabazali nabahlali kulawulo lwezikolo, ngokuya kuphuculwa ukufikelela kulwazi olubalulekileyo ngokusebenzisa indlela yemfundo yekompyutha ebizwa ngokuba bubuchule Bemfundo eyi- e.

INKXASO-MALI YESIKOLO

INJONGO 23: Kukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ziyaxhaswa ngemali umfundi ngamnye ubuncinane ngokwamazinga amiselwe jikelele kwisizwe sonke nokuba imali isetyenziswa ngokucacileyo nangempumelelo.

IZAKHIWO ZESIKOLO NAMANYE AMANCEDO

INJONGO 24: Kukuqinisekisa ukuba izakhiwo ezikhoyo kunye nobume besikolo ngasinye zikhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni bafunde, nokuba iititshala zititshe.

INTLALO-NTLE YOMFUNDI

INJONGO 25: Kukusebenzisa izikolo njengendlela yokunceda abafundi ukubanokufikelela kuludwe lweenkonzo zikawonke-wonke kwimiba efana nempilo, ukuncitshiswa kwendlala, inkxaso yentlalontle ngokwasengqondweni, imidlalo nenkcubeko.

INJONGO **26:** Kukwandisa inani lezikolo ezizalisekisa ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo equkayo nokubanokufikelela kumaziko anikela ngeenkonzo ezisemgangathweni.

INJONGO 27: Kukuphucula ukwenzeka rhoqo kunye nezinga lokuhlola kwaneleenkonzo zenkxaso einikwa izikolo ziiofisi zemimandla,ngandlela ithile, ngokusetyenziswa ngcono Kwemfundo yobuchwepheshe boomatshini, ebizwa ngesiNgesi ngokuba yi- e-Education.

IMAKHIWO YESIKOLO NEENKGHONAKALISI

INJONGO 17: Kukuzama ukubanabasebenzi abaziititshala eziphilileyo nezikonwabelayo ukwaneliseka emsebenzini.

INJONGO 18: Kukuqinisekisa ukuba abafundi bayazigqiba zonke izihloko nemida yezifundo zobugcisa ekufanele ukuba bazigqibe ngonyaka wabo wesikolo wangelo xesha.

IZIXHOBO ZOKUFUNDA

INJONGO 19: Kukuqinisekisa ukuba abafundi banako ukufikelela kubuncinane besethi yeencwadi zokufunda nezomsebenzi ezifunekayo ngokokuhambelana nomgaqo-nkqubo wesizwe.

INJONGO 20: Kukwandisa ukuba nokufikelela kwabafundi kuludwe olubanzi lwezixhobo zokuncedisa ukufunda, kubandakanya iikompyutha ezixhasa imfundo yabo.

ABAZALI

Abazali **banolwazi olwaneleyo ngezinto ezenzeka esikolweni**, **banomdla** wokuzibandakanya kwimicimbi yesikolo ze bafumane iingxelo rhoqo ngendlela abaqhuba kakuhle ngayo abantwana babo xa kuthelekiswa namazinga acacileyo ekuvunyelwana ngawo zizo zonke izikolo. Abazali bayazi ukuba xa ngaba kukho into engenzeki ngendlela efanelekileyo esikolweni, intloko yesikolo okanye omnye umntu kwisebe uya kubaphulaphula ze athathe amanyathelo okujongana nazo neziphina iingxaki.

IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA

Izixhobo zokufunda nokufundisa **zininzi kwaye zezodidi oluphezulu**. Umgaqo nkqubo welizwe **wobona buncinane malunga nesingxobo seencwadi zesikolo/isikulibhegi**, ochaza ubungakanani obubobona buncinane nohlobo lwezixhobo amakabe nokufikelela kuzo wonke umfundi **waziwa gabalala. Kukho iikompyutha ezikolweni** njengendlela ebalulekileyo abathi abafundi nootitshala bafikelela ngayo elwazini.

IZAKHIWO ZESIKOLO NAMAGUMBI AMANYE AMANCEDO

Izakhiwo zesikolo namagumbi amanye amancedo **zikhulu, ziyasebenziseka, zikhuselekile kwaye zigcinwe kakuhle**. Abafundi, ootitshala nabahlali bangasesikolweni bebonke banakekela izakhiwo zabo namanye amagumbi angawamanye amancedo kuba bayazingca ngesikolo sabo.

Esi sicwangciso, siyilwe Lisebe Lemfundo Esisiseko -(i-DBE), simele enye inkqubela-

ISICWANGCISO SOMSEBENZI UKUYA KUTSHO KU-2019

phambili kuhambo oluya kwimfundo esemgangathweni elungiselelwe bonke abantu boMzantsi Afrika. Olu xwebhu lugqalisisa iinguqu zenkqubela ezibalulekileyo kwicandelo lemfundo esisiseko ukususela ekukhutshweni kwaso ngo-2011 kwesicwangciso sokugqibela seli candelo, *Isicwangciso Somsebenzi ukuya ku-2014*: *Ukuya ekuzalisekisweni Kwemfundo 2025*.

(Isicwangciso Somsebenzi 2014).

Nangonakunjalo,kukhwakhoukutshintsha kugxininiso emva kokuvela kwezifundo ezifundiweyo, kwaye ngokubalulekileyo, izinto ezibekwe phambili Sisicwangciso Somsebenzi Selizwe (NDP) esikhutshwe Ngumongameli wombuso ngo-2012. Ngokuhambelana ne-NDP, umda wokucwangcisa kwisicwangciso esikhoyo ngu-2030, ayisenguye u-2025. Okwesibini, umda karhulumente wexesha eliphakathi ubekwe ku-2019, kwaye isicwangciso secandelo sitshintshwe ngokufanelekileyo.

Isicwangciso esikhoyo sijoliswe kuludwe olubanzi lwabathathi-nxaxheba ababandakanyekayo kulo msebenzi mkhulu wokuguqula izikolo zoMzantsi Afrika. Aba bathathi-nxaxheba babandakanya abazali, ootitshala, iinqununu zezikolo, amagosa akumazinga ezithili, amaphondo nozwelonke, amalungu ePalamente, iinkokheli zemibutho yasekuhlaleni, kubandakanya imibutho yeetitshala, amaqabane amacandelo abucala, abaphandi nee-arhente zamaqabane elizwe lonke.

UKUFUNDA OKUSISINYANZELO

INJONGO 8: Ukonyusa izinga lokusebenza okusemgangathweni ophakathi *wabafundi Bebanga 6 kwimathametiki*.

INJONGO 9: : Ukonyusa izinga lokusebenza okusemgangathweni ophakathi *wabafundi Bebanga 9 kwimathametiki*.

INJONGO 10: Kuqinisekisa ukuba bonke abantwana babhlalisiwe ngempumelelo esikolweni ubuncinane ukuya kutsho kunyaka abagqiba ngawo i-15 yobudala.

UKUFIKELELA KWI-ECD NAKWIBANGA R

INJONGO 11: Ukonyusa izinga lokubanokufikelela kwabantwana Kwimfundo Yokuqala Yabantwana Abancinci ebizwa ngesiNgesi ngokuba yi-Early Childhood Development (ECD) ngaphantsi Kwebanga 1.

iINJONGO 12 UKUYA KU-13: UKONYUSA IZINGA LOKUPHUMELELA

INJONGO 12: Ukonyusa izinga lokonyuselwa kwabafundi ngaphaya Kwamabanga 1 ukuya ku-9.

INJONGO 13: Ukonyusa izinga lokubanokufikelela kolutsha Kwimfundo Ephakamileyo Noqeqesho ebizwa ngesiNgesi ngokuba yi-Further Education and Training (FET) ngaphaya Kwebanga 9.

“linjongo 14 ukuya ku-27 zijongene n*endlela* yokufezekisa iziphumo zeenjongo ezili-13 ezichazwe apha ngasentla.”

IITITSHALA

INJONGO 14: Kukutsala unyaka nonyaka iqela elitsha leetitshala ezincinci, ezikhuthazekileyo kwaye zikwaqeqesheke ngokufanelekileyo, kumsebenzi wokutitsha.

INJONGO 15: Kukuqinisekisa ukuba ukubakhona kwanokusetyenziswa kweetitshala kume ngendlela yokuthintela iiklasi ezinkulu ngokugqithisileyo.

INJONGO 16: Kukonyusa umgangatho wobugcisa bomsebenzi, ubuchule bokutitsha, ulwazi lwesifundo kunye nolwazi lweekompyutha ngootitshala ngalo lonke ixesha lomsebenzi wabo wokutitsha.

NGO-2030 SIFUNA SIFUNA UKUFIKELELA KWEZI NJONG ZINGAMA-27

“Iinjogo 1 ukuya ku-13 zijongene neziphumo ezitsolileyo zenkqubo yemfundo, zombini iziphumo ezinxulumene nokubhalisa nokuphumelela, kunye neziphumo ezinxulumene noko kufundwa ngabafundi.”

INJONGO I UKUYA KU-6: UKUFIKELELA KUMANQANABA EMFUNDO ANGAWONA ASEZANTSI

INJONGO 1: Kukwandisa inani labafundi Kwibanga 3 abathe ukuphela konyaka bafunda baqonda ubuncinane bolwimi kunye nolwazi lokubala ngamanani Kwibanga 3.

INJONGO 2: Kukwandisa inani labafundi Kwibanga 6, ekufuneka, ukuba ekupheleni konyaka, babe bafunde ubuncinane bolwimi kunye nemathametiki Kwibanga 8 kunye nobuchule bemathametiki Kwibanga 6.

INJONGO 3: Kukwandisa inani labafundi Kwibanga 9 abathe ekupheleni konyaka, bafunda baqonda ubuncinane bolwimi kunye nobuchule bemathametiki Bebanga 9.

INJONGO 4: Kukwandisa inani labafundi Bebanga 12 abathi bafanele izifundo Zemfundo enomsila (Bachelors) eyunivesithi.

INJONGO 5: Kukwandisa inani labafundi Bebanga le-12 abapasa *imathametiki*.

INJONGO 6: Kukwandisa inani labafundi Bebanga12 abapasa izifundo *zenzululwazi ngamachiza nezefiziksi*

INJONGO 7 UKUYA KU-9: UKONYUSA IZINGA LOKUSEBENZA OKUKWIZINGA ELIPHAKATHI

INJONGO 7: Ukonyusa izinga lokusebenza okukwizinga eliphakathi labafundi Bebanga 6 *kwiilwimi.*

“Kuyimfuneko engxamisekileyo ukuqinisekisa ukuba lonke ulutsha loMzantsi Afrika lufumana imfundo esemgangathweni.”

IINJONGO ZEXESHA ELIFUTSHANE, UMBONO WEXESHA ELIDE

Ukuqinisekisa ukuba ukufumana imfundo esemgangathweni kolutsha lonke loMzantsi Afrika kuyimfuneko engxamisekileyo. Noxa kunjalo, siyaqonda ukuba oku akunakwenzeka ngexeshana elincinci. Sifuna umbono ocacileyo wokubalapho sifuna ukufikelela khona ngo-2030, okanye nangaphambi koko xa kunokwenzeka. Kwaye kufuneka siqinisekise ukuba unyaka ngamnye siya sisondela kumbono wethu, siqonda ukuba inkqubela enkulu enyanisweni kukwakheka kweenguqu ezincinane eziliqela.

IINJONGO EZICACILEYO

Iinjongo zentsusa ezingama-27 eziboniswe Kwisicwangciso Somsebenzi 2014 ezibandakanya uludwe olubanzi lwemiba nongenelelo zisaqhuba. Kwezi njongo zingama-27, **ezili-13 zijongene neziphumo zokusebenza esijonge ukufikelela kuzo ze ezili-14 zijongane ‘nendlela,’ yokuphumeza olu phuculo**, ngamanye amazwi amanyathelo ekufanele ukuba athathwe ukomeleza icandelo.



IIMVAVANYO ZONYAKA ZELIZWE

Ukukhuthaza ujoliso phakathi kwinkqubo, noxa kunjalo, **ezintlanu kwiinjongo ezingama-27 zihlala zizezibalulekileyo.** Ezi zijongene **Nebanga R, ukuqhutyelq phqmbiili kweetitshala, izixhobo zokufunda, ulawulo lwesikolo nenkxaso enikwa ziiofisi zesithili.**

linjongo ezintlanu eziphambili ziboniswe nge- * kwisicwangciso nakolu xwebhu.** Oomalathisi abangama-36 Besicwangciso Sokusebenza sika-2011, eziqhakamshelwe kwiinjongo ezinganye, nazo zisahleli. Oomalathisi abambalwa ngoomalathisi abakwizinga eliphezulu kwaye nabo baboniswe ngo- ***.

linguqu ezintsha ezibalulekileyo

Nangona inguqu ifuneka kwiindawo ezininzi zecandelo lemfundo, imingeni emibini etsolileyo, icace gca: **Iimvavanyo Zonyaka Zelizwe** (ANA), **nemfundo eyi-e**. Ezi ndawo zimbini zifum,ana uqwalaselo kumacandelwana amabini alandelayo.

Urhulumente uphindaphindile ukuthi uzinikezele ekuyeni ekusekeni inkqubo yovavanyo ekwizinga lehlabathi lonke kwiqela lamabanga 1 ukuya ku- 9 esikolweni, nkqubo leyo eya kunika ilizwe ulwazi oluthembekileyo ngenkqubo ngokuphathelele koko kufundwa ngabafundi, kodwa eya kuthi ezisebenzisekayo ukuncedisa ootitshala nabazali ekugqaliseni ezintweni ezifanelekileyo.

IMFUNDO YOBUCHWEPHESHE EBIZWA NGESINGESI NGOKUBA YI-E-EDUCATION

Ekuyeni phambili, i- DBE inombono weqela leempumelelo ze-ANA, elisekwe kwizifundo ezifundiweyo nokuthathela ingqalelo ingcebiso efunyenwe kubacebisi bangaphandle nakubaxhasi. **Omnye umba ophambili kukuvelisa ingxelo yomgaqo-siseko ecacileyo ngengqiqo esisiseko se-ANA, kubandakanya nenjongo yokusetyenziswa kwayo ngootitshala, abazali nabanye** kwizinga lezikolo nelesithili. I-DBE iya kuqinisekisa ukuba ukususela ngo-2015**; iimvavanyo 'zokuqinisekisa ze-ANA' ziya kukhuseleka ze zibandakanye imiba exhasayo**. Ukulungiswa kweziphumo ngokusebenzisa ithiyori yosabelo lwento kuya kuphononongwa, ukususela ngo-2016. Ngo-2015 i-DBE iya kwenza iingxelo ze-ANA ezikwizinga lezithili, isebenzisa iinkcukacha zolwazi gabalala, ze-ANA. Ekugqibeleni i-DBE iya kuqhubeka ukubandakanya **iingcali** ezininzi ngeendlela zokuvelela ezizezona zingcono ukuba zisebenzise i-ANA qho kwaye ngaphaya koko ziya **kuvavanya i-ANA** kwisiseko rhoqo ngokweembono zeetitshala, abazali nabanye abaxhasi kumazingal ezikolo nawezithili.anachor

Ulwazi lwale mihla nobuchule bonxibelelwano (ICTs) ziyakwazi ukuqhubela phambili kwanokubaneendidi ngeendidi zokufunda ukuya kwizinga elikhulu. Ii-ICT ziya zisetyenziswa kakhulu eluntwini kangangokuba imfundo engenazo iya ngokukhawuleza ekubeni yimfundo engaphelelanga.

I-DBE iya kunikezela ngephepha lelizwe loyilo lwemfundo eyi-e kwicandelo lokufunda ukuba lithathelwe ingqalelo luninzi lwabaxhasi bemfundo eyi-e elizweni eyenzelwe icandelo lokufunda.Iplani iya kwenza unxibelelwano olucacileyo phakathi **kokusetyenziswa okukhulu kwee-ICT nokufikelela kwiinjongo zokuqhubela phambili ukufunda** ezenziwe yile ndlela. Iplani iya kucacisa ngokuba bobuphi ubugcisa obukhoyo. Okwesithathu ngengoko imfundo eyi-e ibandakanya abathathi-nxaxheba abaninzi ngaphakathi nangaphandle kurhulumente, iplani iya kucacisa ukuba ngoobani abathath'inxaxheba nangendlela abancedisa ngayo.